# ITSHATHA YEENKONZO

**SiliSebe likaRhulumente woMmandla** elinoxanduva loomasipala abanenkqubela, abaphuhlisekayo nabalawula ngokufanelekileyo, abandawo zabahlali ezihlanganisiweyo, ezizinzileyo nezixhotyisiweyo.

## UMNQOPHISO WETHU

**SIZINIKELE EKUBENI YINKONZO EBEKE PHAMBILI ABEMI NABAXHAMLI KWEZI ZINTO ZILANDELAYO:**

- Ukuxhobisa oomasipala kangangoko ukuze babe nako ukubonelela abahlali ngeenkonzo ezisemgangathweni;
- Ukuqinisekisa ukuba izicwangciso zoomasipala zibeka phambili izinto ezingundoqo esizweni, ephondweni nasemimandleni ngokunjalo nezibonelelo ngobudlelane phakathi kwamasebe karhulumente;
- Ukulungiselela ubonelelo lweenkonzo ngolawulo olufanelekileyo kunye nokubonisana nawo onke amanqanaba karhulumente kunye namahlakani entsebenziswano kwezentlalo;
- Ukuba yindawo yokuqala abeza kucela kuyo iingcebiso nenkxaso oomasipala.

lEkwenzeni kwethu umsebenzi esigunyaziswe wona kunye nokuluthathela kuthi uxanduva lwethu, siya kukhokelwa kunjalonje siyiphakamisele phezulu imithetho-siseko esibhozo yeBATHO PELE (Abantu phambili). Sizimisele ukubonelela iinkonzo ezisekelwe kwiimpawu zentsulungeko yethu eziyinkathalo, ukwenza umsebenzi ngokufanelekileyo, ukuyimela into nokuphendula ngokufanelekileyo, intembeko nokukhawulelana nezinto ngokufanelekileyo ukuze sikhusele kananjalo sandise amathuba okuphumeza uhambisa iinkonzo sibambisene. Indlela esisebenza ngayo iya kuvavanywa ze kunikwe ingxelo yayo kwiNgxelo yoNyaka nakwiNgxelo yaBemi eziya kupapashwa ze zixhonywe nakwiwebhusayithi yethu.

## Iinkonzo zethu kunye neMigangatho

Sifuna ingcebiso sibonisane kangangoko nabanobuchule ukuqinisekisa ukuba sihlanganisa ulwazi oluphuma kwiindawo ezahlukeneyo malunga nezona zinto zingundoqo xa siqulunqa imigqo-nkqubo

### Ezomthetho

- Ukusebenzela eyona migangatho yobuchule nentsulungeko iphezulu;
- Ukuphucula iziphumo nemigangatho ngentsebenziswano;
- Ukunika uMphathiswa iingcebiso ezisemgangathweni ophakamileyo, ngexesha, ezicacileyo nezigqibeleleyo;
- Ukugqithisela ithekhnoloji kwabo basebenzisa uphando lwe-AIMS (African Institute for Mathematical Sciences) ngeendlela ezifaelekileyo.

### Amalungelo abaxhamli beenkonzo

**UNELUNGELO LOKU:**

- Ukuba sikunike ulwazi nezona nkcukacha zichanekileyo ngokwemiqathango ebekiweyo eyimfihlelo.
- Ukunikwa impendulo echanekileyo ngokwesicelo eso usenzileyo.

### Inkqubo yolawulo

- Ukuphendula iminxeba engenayo singalibazisanga ngeeyure zomsebenzi nokunika igama lomntu lowo uwuphenduleyo umnxeba okanye igama loo ofisi yendawo ubutsalele kuyo umnxeba;
- Ukuba asikwazi kukunika mpendulo ikhawulezileyo, siya kuthatha iinkcukacha zakho zoqhagamshelwano ze siqinisekise ukuba azigqithi iintsuku ezintathu ungafumenanga mpendulo.
- Ukuphendula imibuzo eyimivuka kwezo zinto yeenkcukacha eziprintiweyo, imathiriyeli yereferensi okanye okushicilelweyo zingadlulanga iintsuku ezilishumi (10) zokusebenza;
- Ukuphendula imbalelwano (iileta, iifeksi okanye ii-imeyili) zingaphelanga iintsuku ezingama-20 zifikile okanye, ukuba asikwazi kukunika mpendulo ngelo xesha, siya kukwazisa ukuba siyifumene kwaye ungayilindela nini na impendulo.
- Siya kukuxelela ukuba mawuqhagamshelane naliphi iqumrhu ukuba thina asinabo ubuchule bokujongana nomcimbi obusibhalele ngawo.

### EKUFANELE UKUBA UKWENZE

**ESIFUNA USENZELE KONA:**

- Yibhale phantsi imibuzo yakho;
- Sinike iinkcukacha ezaneleyo ukuze sazi kanye ukuba ukhala ngantoni na ukuze sikunike impendulo efanelekileyo;
- Yazi ukuba asikwazi kwenza yonke into, sineendidi zeeklayenti ezininzi kwaye sinezinto ezingundoqo zikarhulumente ekufanele ukuba siqale ngazo
- Baphathe ngembeko abasebenzi; kananjalo
- Singavuya ukuba unokusinika ingxelo nezimvo zakho malunga nendlela elulo inkonzo esiyibonelelayo

## IINKONZO EZINGUNDOQO

### UCwangciso loPhuhliso oluManyanisiweyo

Ukuphucuka umgangatho wee-IDP ukuze zibe nefuthe kunikezo lweenkonzo. Ukomeleza ucwangciso oluquka onke amasebe karhulumente kunye nohlahlo-lwabiwo-mali oluqhutywa ngokumiselwa kwee-IDP njengesicwangciso esisodwa solungelelwaniso noyondelelwaniso lu-karhulumente.

### Umanyaniso lonikezo lweenkonzo

Ukuqinisekisa uzinzo kwinkqubo iThusong Programme (amaziko eThusong, Thusong Zones, Thusong Mobiles kunye neThusong Extension).
Ukuxhasa ulawulo lwentsebenziswano phakathi kwamanqanaba amathathu karhulumente.

### INkqubo yaBaququzeleli boPhuhliso basekuhlaleni

Ukubonelela abahlali geenkcukacha ezimalunga neendlela zokufikelela kwiinkonzo zikarhulumente. Ukulungiselela ukuba abahlali bafikelele lula kumathuba entlalo noqoqosho.

### ULawulo lukamasipala

Ukuqulunqa imithetho ukukhawulelana neemfuno zoomasipala.
Ukuxhasa oomasipala ngokuthobela imithetho.
Ukukhuthaza ulawulo olufanelekileyo koomasipala

### Ulawulo lweentlekele

Ukunceda amasebe karhulumente noomasipala ukuthintela okanye ukncipha ifuthe leentlekele.
Ukuhlala kulungiselelwe unongekehli weentleke nokukhawulelana nefuthe lazo.

### Inkxaso nokuxhotyiswa koomasipala

Ukuxhasa oomasipala ngeenkonzo zengcebiso.
Ukubonelela oomasipala ngokuxhobisa abasebenzi.
Ukubonelela oomasipala ngenkxaso kuphunyezo loMthetho iMunicipal Property Rates Act (MPRA).

### Intatho-nxaxheba yoluntu

Ukomeleza intatho-nxaxheba yoluntu ngonxibelelwano phakathi koomasipala nabahlali. Ukunika iikomiti inkxaso ekhokelela ekubeni basebenze ngendlela efezekileyo.

### Izixhobo zooMasipala

Ukuxhasa nokubeka esweni oomasipala ngophunyezo lweprojekthi enikwe inkxaso-mali yi-MIG. Ukuxhasa oomasipala ngezisombululo ezinokumiselwa kwizixhobo.

### Inkxaso eyodwa

Ukulawula amangenelelo koomasipala abaneengxaki ezinzima kwezolawulo.

### Ukubeka esweni indlela abasebenza ngayo oomasipala

Ukubeka iliso nokuvavanya ukusebenza koomasipala.


I-Ofisi kaMphathiswa kaRhulumente woMmandla, iMicimbi yokusiNgqongileyo noPhuhliso loCwangciso
1 Dorp Street, Cape Town, 8000 • Private Bag X9186, Cape Town, 8000
Inombolo yomnxeba: 021- 483 3915 • Ifeksi: 021-483 6081

INtloko yeSebe: URhulumente woMmandla,
Umgangatho wesi-9, kwiSakhiwo iWaldorf, 80 St. Georges, eKapa, 8000
Private Bag X9076, Cape Town, 8000 • Inombolo yomnxeba: 021 - 483 4049
Hod.lg@westerncape.gov.za • Website: www.westerncape.gov.za


URhulumente weNtshona Koloni
NGOWAKHO

**Isibhengezo seGunya eliLawulayo:**

Mna, Anton Bredell, ndinikela eli Sebe loRhulumente woMmandla ngokwemiqathango yeSigaba III, C.2 sePublic Regulations, 2001 ngokwezilungiso, ukuba ihambe ngokwale tshatha.

9/3/2023

**Mphathiswa wooRhulumente bezasekhaya, Imicimbi Yokusingqongileyo Kunye noCwangciso loPhuhliso: Anton Bredell**